Ukuphila Ngendlela Ekholisa UThixo

(Inxalenye 2)

Isekelwe kwisahluko 12 sencwadi ethi *Yintoni Ngokwenene Efundiswa YiBhayibhile?* efumanekayo ku-jw.org/xh.

INJONGO: Ukuhlolisisa oko ukukholelwayo, isizathu sokuba ukukholelwe, ukuhlola oko iBhayibhile ikutshoyo nokubona ukuba ungazicacisa njani iinkolelo zakho kwabanye.

SINGAMKHOLISA NA UTHIXO XA SIHLASELWA NGUSATHANA?

1 HLOLA IINKOLELO ZAKHO

Kutheni abanye abantu benokuthi hayi?

_____

_____

Kutheni abanye abantu benokuthi ewe?

_____

Yintoni oyikholelwayo *wena*?

_____

Kutheni uyikholelwa loo nto?

_____

_____

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

2 HLOLA OKO KUFUNDISWA YIBHAYIBHILE

Indoda ethembekileyo uYobhi yakunyamezela ngokuphumelelayo ukuhlaselwa nguSathana.
(Funda isahluko 12 sencwadi ethi *Okufundiswa YiBhayibhile,* isiqendu 6-12.)

Funda uYobhi 1:10, 11.
Wazama ukwenza ntoni uSathana ukuze abangele uYobhi ayeke ukuba ngumhlobo kaThixo?

Funda uYobhi 1:22; 27:5.
Wasabela njani uYobhi xa wayehlaselwa nguSathana?

Xa iingcambu zomthi zinzulu, umthi uza kukwazi ukumelana neenkqwithela. Ngokufanayo, xa ubuhlobo bethu noThixo bomelele, siza kukwazi ngakumbi ukunyamezela ubunzima

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

USathana ufuna uyeke ukukhonza uYehova, kodwa ngoncedo lukaYehova, unokunyamezela.

(Funda isahluko 12 sencwadi ethi *Okufundiswa YiBhayibhile,* isiqendu 13-16.)

Funda iMizekeliso 24:10 no-1 Petros 5:8.

Sazi njani ukuba uSathana unokusihlasela ngokungqalileyo (njengokusitshutshisa) nangokungangqalanga (njengokusityhafisa) xa ezama ukusiyekisa ukuba ngabahlobo bakaYehova?

Funda uYobhi 42:12-17 neMizekeliso 27:11. (Jonga umfanekiso osekuqaleni.)

Sazi njani ukuba uYehova uyavuya xa sihlala sithembekile kuye?

Uvakalelwa njani kukwazi ukuba izigqibo ozenzayo zinokuyivuyisa intliziyo kaYehova?

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

3 CACISA IINKOLELO ZAKHO

UKUBA UMNTU UTHI…

Ukuba umntu ujamelana nobunzima, loo nto ithetha ukuba wenze into embi.

UNOKUPHENDULA UTHI…

Abantu abaninzi bangavumelana nawe. Kodwa ndikholelwa ngokwahlukileyo kuba…

_____

_____

Yiyiphi ivesi onokumphendula ngayo?

_____

Ucinga ngendlela abona ngayo lo mntu, ungayihlalutya njani le vesi?

_____

UKUBA UMNTU UTHI…

Ngenxa yokuba uThixo enamandla kakhulu kunabantu, akhonto sinokuyenza enokumchaphazela.

UNOKUPHENDULA UTHI…

Yinyaniso kona ukuba uThixo unamandla amakhulu. Kodwa ndikholelwa ukuba *sinokuzichaphazela* iimvakalelo zakhe xa sisenza okuhle, kuba…

_____

_____

Yiyiphi ivesi onokumphendula ngayo?

_____

Ucinga ngendlela abona ngayo lo mntu, ungayihlalutya njani le vesi?

_____

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania